basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-24.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.

5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
ICANDELO A: INOVELI Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
1. *Kusa Kusihlwa*	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. *Kusa kusihlwa*	Umbuzo omfutshane	35	5–7
OKANYE			
3. *Umqol'uphandle*	Umbuzo omde	35	8
OKANYE			
4. *Umqol'uphandle*	Umbuzo omfutshane	35	8–10
ICANDELO B: IDRAMA Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
5. *Ndiyekeni*	Umbuzo omde	35	11
OKANYE			
6. *Ndiyekeni*	Umbuzo omfutshane	35	11–14
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
7. Ngumntu onjani lo?	Umbuzo omde	35	15
OKANYE			
8. Umntu akalahlwa	Umbuzo omfutshane	35	15–17
ICANDELO D: ISIHOBE Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.			
9. Ibhabhathane	Umbuzo omfutshane	17½	18
OKANYE			
10. Intaba kandoda	Umbuzo omfutshane	17½	19–21
OKANYE			
11. Intyatyambo	Umbuzo omfutshane	17½	21–22
OKANYE			
12. Ukungcwatywa kwetalente	Umbuzo omfutshane	17½	23–24

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B no C. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Bonisa ukuba isihloko senoveli, *Kusa Kusihlwa* singqinelana njani nomxholo webali. (240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

ISICATSHULWA A

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Umoya wokungakhululeki uhleli ukho phakathi kwabo lada lafika ithuba lokuba indoda iphangele ngoMvulo, imadolo anzima injalo ngenxa yesenzo somfazi. Uthe phambi kokuba aphume namhlanje uLungile wabiza unyana wakhe.

'Mpumelelo namhlanje ndifuna ukukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze kuthi nokuba kwenzeka ntoni na kum okanye kunyoko, ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwan'am. Ugqirha undixelele.'

'Ke Mpumelelo le mizamo siyenzayo xa sisonke apha ekhaya, sizamela ukuba uze ufunde ube ngumntu elizweni, ungathi xa sesifile ufane nompha ochutywe walahlwa. Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba ndihlala ndisithi ndingaxola ukuba ungafikelela kulo. Eyesibini yile yokuba uze uthi nokuba sewugqibile ukufunda, ugcine ilifa likayihlo lisebenze mntwan'am. Nabu ubutyebi bakwaNtsibande namhlanje bujinga buza kutsityelwa ngamaxhwili. Ingaze ife le venkile.'

'Into ebangela ukuba nditsho kukuba phambi kokuba ndiyivule, ndavelelwa ngubawo omkhulu ongasekhoyo, wandibonisa ikhondo lempumelelo neliya kugcina igama lakwaNtsibande lihleli. Ke, kule mpilo yam ikekeleyo; nendiyibonayo ukuba iye isonakala ngokonakala nakuba unyoko engayiqondi, nali endifuna ukuba uligcine engqondweni. Nokuba sekuyintoni, ungaze umlahle unyoko koku kuporha kwakhe, ndawo-nye noyihlomncinci kwakunye nomakhulu lo sihleli naye, uYolisa.

2.1.1 Bangaphi oonyana bakaNtsibande? (1)

2.1.2 Yintoni eli lifa lingunobangela wokungavisisani phakathi komzi kaNtsibande nomzi wakwaMakhwetshu? (1)

2.1.3 Senzo sini esenziwe ngumfazi kaLungile esimbangela ukuba abe madolwa nzima uLungile? (1)

2.1.4 ULungile ufuna afikelele kweliphi inqanaba lemfundo uMpumelelo? (1)

2.1.5 ULungile ukhala ngempilo eya ikekela ngokukekela. Yintoni unobangela woko? (1)

2.1.6 Ukuvelelwa kukaLungile nguyisemkhulu ongasekhoyo kube nafuthe lini kwivenkile yakhe? (2)

2.1.7 La mazwi kaLungile athi, '... koku kuporha kwakhe, ...' abonisa ukuba uNomakhwezi ungumntu onjani? (2)

2.1.8 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba sesichengeni kobutyebi bakwaNtsibande. (1)

2.1.9 UNomakhwezi ubeqhuba imoto enempixano yangaphakathi, ibibangelwa yintoni le mpixano? (2)

2.1.10 Ungathi ngumlinganiswa onjani uNtongana? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.11 Chaza isiphelo somzi wakwaMakhwetshu. (2)

2.1.12 UNozililo uyingcuka eyambethe ufele lwegusha. Yinyani okanye bubuxoki? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Owu, umntwana kaLungile madoda, nithi nguye kakuhle lo uthi ugqibile, uyabuya? Nithi andiphuphi? Kunini lo mntwana wafunda, madoda! Ngathi nale mini ayifiki. Mna besendincamile. Noko xa sithethela phantsi, besendingxamele ukungayiqondi le nto kaMpumelelo. Besendineengqondo zokuba wabulawa ngokufunda lo mntwana ngala magqwirha alo Mlazi.'

'Owu, hayi nawe tata, ukhe ufane uthethe. Uthini umntu ukubulawa ngokufunda? Asiyonto ibhetele leyo kunokuba abulawe ngokungafuni imfundo?' Itshilo intombi yakhe iphelile yintsini. Andisathethi ngonina wayo, owayebobotheka ngathi lo nyana wabo selekhona.

Khangela ke engathunywanga njalo uThamsanqa, nako esiya eWentworth ukuya kuxelela abahlobo bakaMpumelelo ngalo mhla wokufika kwakhe owawusewuxeliwe licingo olwafika kwiveki elandela leya yokufumana kwakhe incwadi.

Ukhona lo wavuya waphambana akuva olu daba. Yayingumhlobo kaMpumelelo owayexelenga kwaMashu. Igama lakhe yayinguSizwe into kaMpoyi. Wathi naye akuyiva le nto waqokelela abanye oogqirha nabahlobo bakaMpumelelo ukuba baye kumhlangabeza esikhululweni seenqwelo-moya.

UMpumelelo uthe engalindelanga wafika kuyinginginya yabantu abeze kuphuthuma yena. Yeka ke ukumkhwaza ngobubele bonke bembulisa.

'Mpumelelo, mfondini, ubuyile? Yintoni kodwa uburhumsha obu kwedini?'

2.2.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

La mazwi, 'Owu, umntwana kaLungile madoda, nithi nguye kakuhle lo uthi ugqibile, uyabuya?', abonisa (uvuyo/ukukhathazeka). (1)

2.2.2 Yeyiphi le mini athi uThamsanqa ingathi ayifiki? (1)

2.2.3 Ngaphandle koThamsanqa, sesiphi esinye isizalwana sikaMpumelelo esidlale indima yobuzali kubomi bukaMpumelelo? (1)

2.2.4 Yintoni edibanisa uMpumelelo neWentworth? (1)

2.2.5 Xela isafobe esisetyenziswe kweli binzana.

'... wavuya waphambana ...' (1)

2.2.6 Yintoni injongo kaThamsanqa yokuya kuxelela abahlobo bakaMpumelelo ngomhla wokufika kwakhe? (1)

2.2.7 Ukuphuthunywa kukaMpumelelo yinginginya yabantu kubonisa ntoni ngaye? (1)

2.2.8 Myolelo mni owazalisekayo ngale mini kuyiyo kwesi sicatshulwa? (1)

2.2.9 UThamsanqa ungumntu okholelwa kumasiko. Ngqina oku ngokwasebalini. (2)

2.2.10 Sasisithini isizathu sikaMpumelelo sokuya kusebenza eLusikisiki? (1)

2.2.11 Umbhali udlulisa yiphi imfundiso ngobuhlobo bukaNozililo noNomakhwezi kweli bali? (2)

2.2.12 Yintoni eyayisenza ukuba uMalungisa abe nesikrokro ngokufa kukaNozililo noNtongana? (2)

2.2.13 Ubukhwele bukaNomakhwezi ubusebenzise njani uNozililo ukufeza iinjongo zakhe? (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

Bonisa ukuba isihloko senoveli, *Umqol'uphandle* singqinelana njani nomxholo webali. (240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

ISICATSHULWA A

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Yayiyintsasa emnandi yehlobo – enye yezo mini zimbalwa zobusika zithi zikhumbuze ezimyoli zehlobo. Nangona imini yayingqina, yena okaHlobo wayengaziva kuchulumanca. Umzimba wawungangqinelani mpela nemini leyo. Wayehleli vuxaxa phezu kwesitulo, esisibingibingi. Ubuso wayebugqume ngephephandaba laloo mini. Wayengasalifundi koko egxwalise nje amehlo phezu kwalo.

Iofisi le yayimi kwindawo ebundulana, izivelele kakuhle iilokishi ezazisemazantsi. Unge uyalithoba phezu kwamehlo iphepha awayejamelene nalo okaHlobo. Ngefestile eyayiphambi kwakhe, uyibone kakuhle ilokishi yakwaTsolo – ithe natya yada yaya kunqandwa ngumfula weNgcabanga.
Uthe ebesoloko engemhle kakade, wavuselelwa ngakumbi ngumbono owawuphambi kwamehlo akhe: inkoliso yezindlu yayingamabobosi afanyawulwe ngamacangci agqole ade anomhlwa, engqo yimibala ngemibala yepeyinti – naloo peyinti seyixwebile. Kwakungekho zindlu nto apho. Koko kukekela kwazo, zazixhaswe ngamaplanga aselebolile nawo ngokwawo.

Umfo kaHlobo wayibukela engenamdla imibhodamo eyayisenziwa ngabantu, ziinqwelo zamafutha nezoodonki. Kwelinye icala yayiziibhayisikili nezithuthuthu – zonke ezi zinto zisihla zinyuka kwezo zitalato zimxinwa.
Kwezinye iirhatyi yayingunkxwenkxwenkxwe wezikhalo zabantu, bephepha iziphekepheke zeemoto neebhasi eziqhutywa ngaphandle kwenyameko. Abanye babephepha iimela neentshuntshe, amabhunguza neembokodo, amazembe neevolovolo ...

4.1.1 Kwakutheni ukuze uHlobo angabi nakuchulumanca? (1)

4.1.2 Chonga igama elibonisa ukuba okaHlobo wayehleli kwesa situlo engonwabanga. (1)

4.1.3 Uyintoni lo kaHlobo kweli bali le nto azikhathaza kangaka ngeli phephandaba? (1)

4.1.4 Nika injongo yokuba umbhali ayizobe ngolu hlobo le lokishi yakuTsolo apha kwisicatshulwa. (2)

4.1.5 Khetha impendulo echanekileyo:

Le mpixano ibonakala kulo kaHlobo xa wayejonge iphephandaba namabobosi akuTsolo:

A Yeyangaphandle.
B Iphakathi kwakhe noEddie.
C Yeyangaphakathi. (1)

4.1.6 Bungqina buni obubonisa ukuba uLinda wayengenanto yakwenza nokufa kukaEddie noLulama? (2)

4.1.7 Kwakutheni ukuze amanxila aseshibhini ahlekise ngoLinda xa wayeyokuzithengela utywala? (2)

4.1.8 Nika izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba ubomi baselokishini buneengozi ezininzi. (2)

4.1.9 Ucinga ukuba luxanduva lukabani ukuphucula intlalo yabantu bakuTsolo? (1)

4.1.10 Bubuphi ubungqina obabonakalisa ukuba iqumrhu elalilawula i*Moonglow* lalingavani? (2)

4.1.11 Emva kophando lukaHlobo ngenene umqolo waba phandle kubabulali bakaEddie noLulama. Kwenzeka ntoni? (2)

4.1.12 Yintoni ebangela ukuba uLinda Monti aziwe ngumntu wonke? (1)

ISICATSHULWA B

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kungekudala, kwavakala unkqonkqozo oluzolileyo kumnyango wendlu kaEddie. Uthe **khwasu** kwangoko umfan'omkhulu. Ekuluvuleni kwakhe ucango uluthe genge ngathi ulindele ukungena kwenqwelo ...
'Wamkelekile Lulu, sithandwa,' watsho esithi naa isandla sokunene, emalathisa igumbi lakhe.
Luthe lwakuthi cakatha phakathi olo ndwendwe, wayivusa kuhle intloko umfana, wasondela. Uluthe ntshoo ngamehlo athethayo – bancumelana! Wolula nje isandla umfana, yanga iyabizelwa intwazana ukusondela. Usithe bhije kweso sinqana sayo.
Naabo ke bengcemba kunye ukuya kwisihlalo esisentla, begxeleshene kuyo yonke loo ndlela ...
'Masihambe Lulu,' utshilo uEddie.
'Sihambe siyephi?' ubuze emangalisiwe umntwana.
'Siye eRio, andifuni kuphoswa nasisiqalo salo wanamhlanje umboniso. Nawe ufike sendilungiselele ukuhamba.' ...

'Ungandifeketheli apha Eddie', uLulu utsho emthe ntshoo umfana ngamehlo abukhali ... 'Uthetha ukuba ubundibizela ukuba siye eRio? Wabiza mna – uphi uLinda, umntu wakho? Ufuna ukuba ndiphoxwe nguLinda kulaa Rio? Ndixolele, sithandwa sam. Andifuni kuzifaka enkathazweni ndiyibona ... Khumbula Eddie uLinda ngumntu wakho. Ngoko ke ndiyamhlonipha. Ndimhlonipha ngentw'enye kubantu bonke bakho – yena unengeji yakho ...'
'ULinda akayi eRio, usisigulana apho akhoyo. Ufunyenwe yilaa ngqele uyaziyo nawe. Ngaphaya koko, undinike imvume yokuba ndiphume nawe.'
'Dyakalashendini! Ucinga ukuba andiwazi la maqhokolo akho, Eddie? Yinto oyithatha phi leyo? Ucinga ukuba angathi uLinda enobukhwele kangaka athi phuma nam?'

4.2.1 Caphula amazwi abonisa ukuba uLulu wamkelwa ngothando nguEddie kule ndlu. (1)

4.2.2 Isifanekisozwi esithi '**khwasu**' sikunika umfanekiso womntu ophakame njani? (1)

4.2.3 UEddie ucela ukuba baye phi noLulu? (1)

4.2.4 Kutheni uEddie esithi akafuni kuphoswa ngulo mboniso? (1)

4.2.5 Sisiphi isizathu esinikwa nguEddie sokuba angakwazi ukuhamba noLinda? (1)

4.2.6 Kutheni uLulu emhlonipha nje uLinda? (1)

4.2.7 Yinyani okanye asiyonyani? ULulu wayesazi ukuba uEddie unomntu wakhe. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.8 Nika isizathu sokuba uHlobo ancume akufumana ileta evela kuLinda kugqogqo awayelwenza kwaEddie. (2)

4.2.9 Ubungqina obanikwa nguDuma bunafuthe lini kweli tyala likaLinda? (1)

4.2.10 Bonisa indima edlalwe nguJoe Bumba kweli tyala lokufa kukaEddie. (2)

4.2.11 Ungathi uHlobo ungumcuphi ophume izandla? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.12 UJoe Bumba ubonakala engumntu onenkathalo nonesiphatho esihle kubasebenzi bakhe. Ngqina oku ngokwalapha encwadini. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

Bonisa ukuba isihloko sedrama, *Ndiyekeni* singqinelana njani nomxholo womdlalo. (240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Madala:	Hee! Bendisatsho ke. Andiyazi into evusa umnyele apha kooJekwa. Iyaxaka into yokuba athi umntu ezele njengooJekwa aba, athi qhiwu izembe eliya kubaxaka kwingomso loonyana babo.
Nkosk Zinzo:	Mhlalingaphambili, sidiniwe yile ngqushu yomacelu. Ukuba isitya silixekexwa soyise neengcibi, uza kufuna ingcibi yeso sitya kwelingakhali masele. Andithi nyake ...
Madala:	Andazi nkosikazi ukuba ucikoza utyibela phezu kwayiphi na ingongoma. Nagxothwa enkundleni ngezi zimbo zokuyihlabela ingoma isintsikizi. Basenza kambe abeLungu ukunibuyisela enkundleni.
Nkosk Zinzo:	Ndiyeke ndigqibe, yile ntlanganiso eya kundibona ubuntsikizi. Kukangaphi sixovula imicimbi yale titshala? Andithi zithe zingekehli nezibilini yaqhayisa ngokushusha kwitheko lamabhaso? Sakuva liphi sithathe liphi, sishiye liphi?
Madala:	Asizi koyiswa nto. Ukunyamezela nokuthantamisa ziziqalo zokululeka.
Nkosk Zinzo:	Siya kuwunyamezela umvambo kude kube nini? Wakwanda lo mhlambi kwesi sikolo, soxoza wuphi umphini?
Mavuso:	Ukuxozwa kwemiphini kukutya kwamadoda. Eliyinyaniso leli loMnu. Madala.

6.1.1 Le ncoko ingasentla yenzeka phi? (1)

6.1.2 Ingaba uMadala ngenene akayazi into evusa umnyele kooJekwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.3 Ukuthunywa kukaLiziwe utywala ngexesha lesikolo kunyhasha eliphi ilungelo lakhe? (1)

6.1.4 Umbhali usivelisela ntoni xa uNkosk. Zinzo esithi, 'Sidiniwe yile ngqushu yomacelu'? (1)

6.1.5 Anantsingiselo ni amazwi kaMawonga athi 'Ndiyekeni' kulo mdlalo? (2)

6.1.6 UMadala ugxeka abeLungu ngokubuyisela amakhosikazi enkundleni. Loo nto ithetha ukuba uMadala ngumntu onjani? (1)

6.1.7 Matanisa isafobe esikuKHOLAM A nenkcazo ekuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Umbuzo buciko	A Ukuvusa umnyele.
(b) Isaci	B Ukuhlabela ingoma isintsikizi.
	C Sakuya phi, sithathe liphi, sishiye liphi?

(2)

6.1.8 Ingaba uMhlalingaphambili uyinkokheli yokwenene xa eyiqhuba ngolu hlobo intlanganiso? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.1.9 Wathi wakwanda umhlambi kwesi sikolo kwaxozwa wuphi umphini? (2)

6.1.10 Saba yintoni isiphumo sale ntlanganiso? (1)

ISICATSHULWA B

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(*Waphuma wonda kwaFuneka apho afike kungekho mntu. Wangena ngefestile eyayingavalwanga kakuhle. UFuneka nabahlobo bakhe bafika ngentsimbi yesibini ekuseni, bevela eBhayaskopu bonwabile*.)

Funeka: O! (*Ezamla*) Zanele khawenze ikofu wethu.

Zanele: Yi Bethu! Ikofu ebusuku apha?

Ndila: *Look girls, get us something cool from the refrigerator.*

Funeka: Ufuna ukulandela umhlobo wakho uMawonga?

Ndila: **Akusekho mntu apho**.

Zanele: *Shame!* Fan'ukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje.

Funeka:	Unani engahlali endlwini yakhe nje. Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo.
Ndila:	Niyawona ke lo msitho woloyiso.
Funeka:	Kulungile wethu akukho nto imbi ekuqongqotheni umongo emva kokutya inyama.
Zanele:	Maqela bumkile ubusuku masibeke amathambo ngoku, lide eli thuba.
Ndila:	Unyanisile mtshana ngamanyangaza asahleliyo ngeli xesha.
	(*Zabekwa izitya baya ngeendawo zabo zokulala. Wakhulula uZanele wanxiba ezokulala. Uthe xa ambula iingubo unyawo lwakhe lwakhubeka kwinto ephantsi kwebhedi. Wakroba wasitsho isikhalo. Wangena ebaleka uFuneka noNdila*.)
Funeka:	Yintoni Zanele?
Zanele:	Yhu! Nanku umntu phaya. (*Esalatha)*
Ndila:	Mfondini phuma apho. (*Cwaka*) Ufuna ukuba side sikurhole? (*Cwaka*)
Funeka:	Suka akukho mntu apho. (*Watsho esiya)*
Zanele:	Uzulumke. (*Esoyika)*
Funeka:	(*Ekrobile*): Tyhinile! NguMawonga ulele. Mtsaleni. Unxilile lowo. (*Bamtsala weza wonke*) Yhu! Nkosi yam **akusekho mntu apha**.

6.2.1 Waphuma **wonda** kwaFuneka. Eli gama umbhali ulisebenzisele ukuba lisizobele umfanekiso-ntelekelelo wantoni? (1)

6.2.2 Ukungena ngefestile kukaMawonga kwaFuneka xa efika kutshixiwe kubonisa ntoni ngoMawonga? (1)

6.2.3 OoNdila nooFuneka bonwatyiswe yimpumelelo yezenzo zabo ezibi. Xela le mpumelelo ibonwabisileyo. (1)

6.2.4 Ingaba ubudlelwane obuphakathi kukaMawonga noZanele bobenene? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.2.5 Uthetha ukuthini uFuneka xa esithi uNdila ufuna ukulandela umhlobo wakhe uMawonga xa efuna into ebandayo? (2)

6.2.6 Caphula amazwi athetha ukuba uMawonga waphelelwa sisidima kuNdila. (1)

6.2.7 Umbhali usivezela ntoni ngoZanele xa esithi, *Shame!* Fan'ukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje? (1)

6.2.8 Lithetha ukuthini eli binzana lithethwa nguNdila xa esithi,

'Niyawona ke lo msitho woloyiso?' (2)

6.2.9 Saba yintoni isiphelo salo mdlalo? (1)

6.2.10 Leliphi ibinzana elichaza indlela uNdila amthatha ngayo uMawonga? (1)

6.2.11 Nika iintsingiselo zamabinzana AMABINI abhalwe ngqindilili. (2)

6.2.12 Kwakutheni ukuze uMawonga afunyanwe ngamapolisa emfuleni ebhubhile? (2)

6.2.13 Xela isizathu sokuba uNdila angamfuni uMawonga ngokwalapha encwadini. (1)

6.2.14 Ngowuphi umntu owaziphindezela ngempumelelo kukho uMawonga noNdila? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

NGUMNTU ONJANI LO? – LL Ngewu

Bonisa ukuba isihloko sebali singqinelana njani nomxholo webali.
(240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMNTU AKALAHLWA – LL Ngewu

ISICATSHULWA A

8.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UMathidala ke ubeneenkomo ezityaliweyo kuyo yonke loo lali yaseThembeni. Imali yona ebengayikhathalelanga nganto kuba ubengawuqondi kakuhle umsebenzi wayo.
Ubelima umbona, imbotyi namazimba ngeenkomo zakhe kanti ekwasenga kwalapha kuzo. Izinto ezithengwa evenkileni bezinqabile kweli khaya kangangokuba abantwana bakhe babethande ukudlakazela nokuhleleleka phakathi kwabanye abantwana.

Unobangela wokuba iintombi zakhe ezimbini nonyana bangafundi kukuba bebesolusa loo mhlambi kuloo mathambeka aseThembeni. Ibiluvuyo olungathethekiyo kunkabi ukuba neentombi ezingaka kuba eqonda ukuba umhlambi wakhe uza kuya ukhula ngokukhula. Ithemba lakhe letha mhla kwamitha uThandile intombi yakhe yamazibulo. Le ntombi yehlelwa sesi siwo xa igqibezela izifundo zayo zobutitshalakazi eBhencuthi. UMathidala wambetha loo mntwana walutywantsi emxelela ukuba soze aphindele kweso sikolo, phofu enziwa kukungaqondi ukuba intombi le sele iyigqibile imfundo yayo.

Ube kwazama ukuyigocagoca eyomba ukuba leliphi eli tshivela limenzakalisileyo, wabuya nembande yesikhova nakuba bekubonakala ukuba oyena mntu onobungozi bokumenzakalisa nguyise ncakasana. Uthe ngenxa yomsindo wazikhupha neentombi zakhe ezimbini esikolweni ezithuka ezifanisa nayo yonke into eyakha yambi apha phantsi kwelanga.

8.1.1 Isivakalisi esibhalwe ngqindilili sisixelela ntoni ngoMathidala? (2)

8.1.2 Le mpendulo uyinike kumbuzo 8.1.1 ibonisa ukuba esi sivakalisi sibhalwe ngqindilili sikweliphi inqanaba ebalini? (1)

8.1.3 Abantwana bakaMathidala bebengafani ngokwemeko nabanye abantwana. Chonga isivakalisi esingqina oku. (1)

8.1.4 Wayehlala phi uTyhobeka? (1)

8.1.5 Kwakutheni ukuze uMathidala acinge ukuba, ukuba neentombi ezininzi kuza kukhulisa umhlambi wakhe? (2)

8.1.6 UMaMthi ungumfazi oyoyikayo indoda yakhe. Chaza ukuba umbhali ukuveze njani oko. (2)

8.1.7 UThandile uzotywe wangumlinganiswa onjani apha ebalini? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)

8.1.8 Isenzo sikaMathidala sokubetha uThandile abe lutywantsi besiya kuba nasiphumo sini ngokoMgaqo-Siseko weli loMzantsi Afrika? (1)

8.1.9 Umbhali usisebenzise njani isigqebelo kwisenzo sokukhutshwa kukaThandile esikolweni nguMathidala? (2)

8.1.10 Bonisa indlela igama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo, elichaza indlela azenza ngayo izinto uMathidala.

'Ube kwazama **ukuyigocagoca** eyomba ukuba leliphi eli tshivela ...' (2)

8.1.11 Yayilungile into yokuba uMathidala akhuphe uNomtha noNobesuthu esikolweni ngenxa yokumitha kukaThandile? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B

8.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Intombi kaMathidala itsale nzima kakhulu kangangokuba nakuba ibiphangela nje, akukho nto ibidiza ukuba ngumntu owamkelayo. Eyakhe imali ebeyicukuceza ayicukuceze kude kungasali kwanto. Inyanga ibiphela kungekho nesepha le yokuhlamba ubuso. Mhla babeleka oodade wabo kwaba nzima kakhulu kuThandile. Eyona nto ingummangaliso luhlobo awayebantantamise ngalo oodade wabo de axolele ukuba kungadli yena kunokuba kubekho olala engasanga nto emlonyeni. Nasebusuku bekungekho kuphumla ngokwaneleyo kuba xa bengagezelwanga ngokumana benkqonkqozelwa zizibhongobhiyana zamakhwenkwe angenasimilo, bezitshintshiselana ukujwed'iintsana.

Phantsi kweemeko ezilusizi uThandile uzenze idini wabathumela esikolweni oodade wabo baya kugqibezela imfundo yabo eli lixa yena ebesisinxadanxada ejongene neentsana ezintathu. UNobesuthu noNomtha abadlalanga ngexesha labo kuba bebeyiqonda intlungu kaThandile. Uphele unyaka sele ngathi akanqakuli uThandile koko kucaca ukuba usenzile isifungo sokuba oodade wabo akanakubalahla, nokuba sekumnyam' entla, ngokungabikho kwemali yokuthenga isibane.

Nakuba bekunzima nje ukufumana isikolo sokuhlohla **ezi mbacu**, zona azithathanga xesha lide zingasifumananga isikolo ukugqiba kwazo ukufunda. Iphelile iminyaka emine ezi ntombi zingazanga zilubeke unyawo kowazo.

8.2.1 Yintoni ebisenza ukuba intombi kaMathidala itsale nzima nakuba ibiphangela? (1)

8.2.2 Wayesebenza phi uThandile? (1)

8.2.3 Xela izinto zibe MBINI ebezisenza kungabikho kuphumla ebusuku kwindlu ebihlala uThandile noodade wabo. (2)

8.2.4 Sigqibo sini esathathwa ziintombi zikaMathidala malunga nekhaya lazo? (1)

8.2.5 Yeyiphi eyona nto yayimenza ixhala uThandile xa babehlala kuye oodadewabo? (2)

8.2.6 Ibinzana, ' ... ezi mbacu ...' elisetyenziswe ngumbhali, lingqinelana njani nemeko kaNobesuthu noNomtha? (2)

8.2.7 Luthini uluvo lukaTyhobeka malunga nokohlwaya umntwana owonileyo? (2)

8.2.8 Kwakutheni ukuze bemke kwaTyhobeka uNomtha noNobesuthu? (1)

8.2.9 Sesiphi isiganeko esibonisa inqanaba lesisombululo kweli bali? (2)

8.2.10 Xa ubunokuba nguMathidala ubungavakalelwa njani xa ubona ooNobesuthu bephumelele? (2)

8.2.11 Nika umxholo weli balana? (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ibhabhathane – LS Ngcangatha

1 Nal'ibhabhathane libhabha-bhabha.
2 Sisinambuzan'esithand'ukudl'amacwaka.
3 Iintaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz'inzwinini,
4 Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
5 Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
6 Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
7 Phakathi kwezityalo liman'ukuhlola-hlola.
8 Amathafa namagcume ziindawo zalo.
9 Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam.
10 Ngumahlal'ehleli ombejezelayo owanez'umxhelo.
11 Abukhathalele busika neqabak'incamile.
12 **Iintyatyambo zoyisiwe, wen'uzigqwesile**.
13 Nekhiwane lisadalele, alinakucel'umngeni,
14 Kuba obalo bon'ubuhle bunempethu.

9.1 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

yisonethi; ngumbongo-mbaliso; uvakalelo lwayo ngobuhle bebhabhathane; indlela eliphila ngayo; ukugxeka ibhabhathane

Imiqolo eli-14 inika lo mbongo uphawu lokuba (9.1.1) ... Kwimigca esibhozo yokuqala, imbongi ichaza (9.1.2) ... ibhabhathane, ize kwemi-6 elandelayo ibonise (9.1.3) ... (1½)

9.2 Caphula umqolo osebenzise imfanozandi kulo mbongo. (1)

9.3 Imbongi itsho ngasiphi isizathu ukuba alidakumbanga ibhabhathane? (2)

9.4 Ngokwembongi lahluke njani ibhabhathane kwiintaka? (2)

9.5 Lifunyanwa phi ibhabhathane ngokwalo mbongo? Xela iindawo zibe MBINI. (2)

9.6 Futhe lini elenziwa bubuhle bebhabhathane kumoya wembongi? (2)

9.7 Kukuthini ukusadalala? (1)

9.8 Yintoni esiyifundiswa yimbongi ngokuthelekisa ingxolo yeentaka neenyenzane nokuthi cwaka kwebhabhathane? (2)

9.9 Ungaluxhasa njani uluvo oluthi le mbongi iyayithanda indalo? (2)

9.10 Xela isafobe esiphawulwe ngqindilili, usicacise. (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intaba kaNdoda – LS Ngcangatha

Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba,
Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

Babeqephuke kuGcaleka baziph'amathafa,
Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
Nangona zaziphuma kuPhalo, yena ncakasana,
Zingathandi ukukhonya buhlantini bunye.

Wamisa kule ntab'uRharhabe wavul'umlomo.
Wathetha ebhekisa kwiindwalutho ezazimlandela,
Wathi, 'Madoda, kudala sixhinkxa, kwanele.
Eli likhaya lethu ukususela namhla'.

Ayembazel'iindlebe amaXhos'akowabo.
Ephambi kwawo waphinda wathetha kwakhona,
'Masakhe imizi apha, silime nokulima,
Kule mimandla erhangqe le Ntaba kaNdoda'.

Yatsho inkonyane yohlanga, ithole lomthonyama.
Latsho likhomb'iziphaluk'eziphahl'iNtaba kaNdoda.
Kwathi kanti lisitsho nje lizifak'engozini.
Kumhla labon'inyoka ikhwela emthini ingenanyawo.

AmaLawu wayewaphath'emanyeni ngokumisa kule ntaba.
Laf'ilizwe ngesiquphe, kwanyathelwana ngoobhontsi.
Laphalala lisisantyalantyala igazi, lafunxwa ngumhlaba.
Yagqoloda, yangqulwa indoda, **yaya kwelemimoya**.

Kwaba masikizi kuloo mfazwe ikuloo ntaba
Kungekudala lwadilik'udonga kwicala lamaLawu.
AbaThwa bada bavus'umnyele, bangenelela.
Zanqoza kwakhona kuhlaselw'amaXhosa.

29 'Tsiha-a-a-a-a-a—a-a! izikhali zikaRharhabe!'
30 Watsho umXhosa egwaz'ephindelela.
31 Kwada kwacac'icala ovuthuzela ngakul'umoya.
32 Babalek'abaThwa, bayifulathela loo ntaba.

33 Zahamba iintsuku, nditsho iintsuku ngeentsuku.
34 Zahamba iintsuku, izidumbu zithe gangalala.
35 Zahamba iintsuku, zada zabola zalilifa leempethu.
36 Zahamba iintsuku, abasindileyo bephefumla nzima

10.1 Khetha impendulo ibe nye:

Lo mbongo usibalisela:

A Ngendlela uRharhabe awafumana ngayo umhlaba okwiNtaba kaNdoda.
B Ngemfazwe kaRharhabe noGcaleka.
C NgamaLawu namaXhosa. (1)

10.2 Namhlanje ukubiza umntu ngokuba liLawu kuyanyelisa, yiyiphi indlela eyamkelekileyo yokubiza aba bantu? (1)

10.3 Chonga isivakalisi esithetha ukuba oku kubaliswayo kwehla kudala. (1)

10.4 Wemkiswa yintoni uRharhabe kowabo? (½)

10.5 Ucinga ukuba yindlela efanelekileyo yokufumana umhlaba le yasetyenziswa nguRharhabe? Xhasa impendulo yakho. (2)

10.6 Ngqina ukuba intaba kaNdoda yathengwa ngegazi? (1)

10.7 Nguwuphi umfanekiso ntelekelelo oziswa ngumqolo, 'kunyathelwana ngoobhontsi' kwisitanza 6. (1)

10.8 Umqolo othi, 'babalek'abaThwa' kwisitanza 8 usixelela ukuba bangabantu abanjani? (1)

10.9 Liliphi elinye igama onokulibeka endaweni yelinomgca ngaphantsi lisale lingatshintshanga ntsingiselo?

'Zanqoza kwakhona kuhlaselw'amaXhosa.' (1)

10.10 Njengokuba uwufunde wonke umbongo ucinga ukuba uRharhabe wancedakala? Xhasa impendulo yakho. (2)

10.11 Sisiphi isitanza esenza sikholelwe ukuba ngela xesha kwakungekho gqirha nasibhedlele? (1)

10.12 Matanisa uKHOLAM A kunye nezitanza ezikuKHOLAM B.

KHOLAM A		KHOLAM B	
10.12.1	URharhabe wanikisa ngomhlaba omelene nentaba kaNdoda kanti uzifaka engxakini.	A	Isitanza 7
		B	Isitanza 5
		C	Isitanza 6
10.12.2	Akoyiswa amaLawu bawancedisa abaThwa.		

(2)

10.13 Loluphi olu phindaphindo lufumaneka kwisitanza sokugqibela? (1)

10.14 Safobe sini esisetyenziswe libinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo wama-24? (1)

10.15 Amazwi kaRharhabe athi 'Masakhe imizi apha silime nokulima' abonakalisa ukuba kwakuphilwa njani apha kwiNtaba kaNdoda? (1)

[17½]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intyatyambo – M Mbuthuma

1 Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
2 Ewe kaloku, kha usixelele;
3 Elona xesha lokuba ume,
4 Liliphi n'elona ziko lakho,
5 Aph'umnt'angakha khona,
6 Uphi n'owona mthombo wakho,
7 Aph'umnt'angazikholisa khona,
8 Aph'angahlal'azikhelele,
9 Aph'angazidid'akruquke.

10 Baxolil'ababamb'emimangweni,
11 Kub'ubaph'ukuyol'emathafeni,
12 Babukel'ubuhle nehombo yakho.
13 Ubaxolisil'abazingeli bakho.
14 Balibala bebuk'ubuhle bakho.
15 Uzidlamkisil'iinyamakazi,
16 Ziphaphile zinokuqavakazi
17 Zidl'obakh'ubuncuthu,
18 Zikunye neentaka zezulu,
19 Zidl'incind'emyoli kakhulu
20 Ziindid'ezininz'iintyatyambo.
21 Ulinganiswa noMxesibe nabaMbo.
22 Kant'umthinjana ukwenz'ihombo,
23 Ukwenz'uvunywe lilizwe
24 Ngomsebenzi wakho wobuzwe.

25	Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
26	Ngenene ngevumb'uthandiwe,
27	Kanti ngobuhl'uvunyiwe.
28	Ngokomfaneleko wasamele.

11.1 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo:

Lo mbongo:

A Uhlekisa ngentyatyambo.
B Usichazela ngentyatyambo.
C Ugxeka intyatyambo. (1)

11.2 Eli gama 'iziko' libhekisa entwenini ngokwalo mbongo? (1)

11.3 Kwisitanza 1 chonga umqolo obonisa ukuba imbongi inomnqweno wokuhlala nentyatyambo. (1)

11.4 Bhala igama elithetha into enye neli likrwelelwe umgca ngaphantsi.

Kub'ubaph'ukuyol'emathafeni. (½)

11.5 Yakhiwe njani imiqolo emibini yokuqala yalo mbongo ukwenza isingqisho? (2)

11.6 Chaza umoya wembongi kulo mbongo. (2)

11.7 Kumqolo we-22 imbongi ithetha ngomthinjana, ibhekisa kubani? (1)

11.8 Yintoni edliwa ziinyamakazi ngokwahlukileyo kwiintaka zezulu? (1)

11.9 Uthini owona myalezo uphambili wembongi kulo mbongo? (2)

11.10 Emva kokuba ufunde lo mbongo ungabanqanda ngasiphi isizathu abantu ababulala iintyatyambo? (2)

11.11 Xela naliphi icala elibi lentyatyambo. (1)

11.12 Sisiphi isafobe esisetyenziswe ngumbhali kuwo wonke lo mbongo ukudlulisa umyalezo wayo? (1)

11.13 Bhala isaci esithetha into enye nomqolo 20. (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ukungcwatywa kwetalente – C Nqakula

1 Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni,
2 Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya,
3 Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya
4 Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni,
5 Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumlweni
6 Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini
7 Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
8 Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

9 Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye,
10 Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi
11 Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye,
12 Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.

13 Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
14 Iitalente zethu mazikhonze isizwe.

12.1 Gqibezela esi isivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

italente; sonethi; umbongo-mbaliso; isazela

Lo ngumbongo okudidi lwe (12.1.1) ... kwimigca emine yokuqala uvuselela (12.1.2) ... kumntu ngamnye enze igalelo kubomi babanye ngokusebenzisa (12.1.3) ... (1½)

12.2 Ucinga ukuba ibhekisa kubani imbongi ngala mazwi akulo mbongo? Utsho kuba kutheni? (2)

12.3 Imvano-siphelo esetyenziswe yimbongi kwimiqolo emine yokuqala ngu:

A abac
B abba
C abbc (1)

12.4 Matanisa umongo kunye nemiqolo.

KHOLAM A		KHOLAM B	
12.4.1	Imbongi icenga abantu ngabanye ukuba babe negalelo kubomi babanye.	A	imiqolo 1–8
		B	imiqolo 9–12
12.4.2	Ikhalela ukungabi nagalelo kwayo kwabanye ngexesha ephile ngalo emhlabeni.	C	imiqolo 13–14

(2)

12.5 Anyanisile amazwi embongi akwimiqolo 10 nowe11? Xhasa impendulo yakho. (2)

12.6 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-9. (1)

12.7 Imbongi isenze njani isingqisho kwisitanza sesibini? (2)

12.8 Nika nayiphi imizekelo EMIBINI yemisebenzi emihle enokushiywa ngabantu abasebenzise iitalente zabo. (2)

12.9 Yintoni le imbongi iyithatha njengempucuko kwisizwe sayo? (2)

12.10 Xela umoya wembongi kwimiqolo 1-4. Xhasa impendulo yakho. (2)
[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70